# ISALATHISO


## Ikota 1

**Ibali loku-1:** Mandikubalisele ngam (Ibali elingeyonyani)........................5

**Ibali loku-2:** Ekhayeni lam (Ibali elinika ulwazi)..................................9

**Ibali lesi-3:** U-Inathi, intombazana eyahlukileyo (Ibali elingeyonyani) 13

**Ibali lesi-4:** Isitiya sikaSinoyolo (Ibali elingeyonyani)......................17

**Ibali lesi-5:** Usuku lwam lokuzalwa (Ibali elingeyonyani)......................21

## Ikota 2

**Ibali lesi-6:** Isikolo sikaFefe (Ibali elingeyonyani)......................25

**Ibali lesi-7:** Ukukholelwa (Ibali elingeyonyani)...............................29

**Ibali lesi-8:** Abahlobo abazimbaleki (Ibali elingeyonyani)......................34

**Ibali lesi-9:** Usapho lwakwaXabanisa (Ibali elingeyonyani)...............................38

**Ibali le-10:** Yimini yamabhaso (Ibali elingeyonyani)...............................42

## Ikota 3

**Ibali le-11:** UChulz uqubha echibini (Ibali elingeyonyani)......................46

**Ibali le-12:** Kuhlwile masilale! (Ibali elinika ulwazi) ......................50

**Ibali le-13:** Ukutya okusempilweni (Ibali elinika ulwazi) ......................54

**Ibali loku-14:** Ilali eyayikufutshane nolwandle (Ibali elingeyonyani) ...58

**Ibali le-15:** UXhanti nomalume uZongezile bayazilolonga (Ibali elingeyonyani)......................63

## Ikota 4

**Ibali le-16:** Imini yokuzingela (Ibali elingeyonyani)......................67

**Ibali le-17:** Imvula enkulu (Ibali elingeyonyani)...............................72

**Ibali le-18:** Isinhanha esaziwayo (Ibali elingeyonyani)......................77

**Ibali le-19:** Imbalela (Ibali elingeyonyani)...............................82

**Ibali lama-20:** Ifama yee-orenji (Ibali elingeyonyani)......................87


9781779890047_plt_lan_g01_rd_xho.indd 3 2025/09/28 14:07

# Mandikubalisele ngam

| Isandi-a | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu | Isandi-b | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu |
|---|---|---|---|
| Alakhe | A-la-khe | IziBalo | I-zi-Ba-lo |
| Akhani | A-kha-ni | Bilabila | Bi-la-bi-la |
| amabali | a-ma-ba-li | Bonkolo | Bo-nko-lo |
| Anina | A-ni-na | ababini | a-ba-bi-ni |
| ababini | a-ba-bi-ni | abaseva | a-ba-se-va |
| Azola | A-zo-la | bam | ba-m |
| ahleke | a-hle-ke | bathathu | ba-tha-thu |
| | | baneminyaka | ba-ne-mi-nya-ka |
| | | bayandithanda | ba-ya-ndi-tha-nda |
| | | uSibabalwe | u-Si-ba-ba-lwe |
| | | bona | bo-na |

| Amagama abonwa rhoqo |
|---|
| igama ndihlala inja yam umakhulu utata umama utatomkhulu |

| Isigama | Intsingiselo |
|---|---|
| ukumteketisa | ukumdlalisa kamnandi ngobubele, umhlekisa. |

## Imibuzo ngaphambi kokufunda

1. Ungubani igama lakho?
2. Mangaphi amalungu osapho lwakho?
3. Ngowuphi umbala owuthandayo?




9781779890047_plt_lan_g01_rd_xho.indb 5 2025/09/28 14:07



Igama lam ndingu-Alakhe, ndiyinkwenkwe eneminyaka esixhenxe. Ndihlala eBonkolo kwilali ekufuphi neBilabila. Jonga inja yam, igama layo nguMabalabala kuba enamabala ahlukileyo. Ndithanda i-ayisikhrim namaqunube. Igama lesikolo sam yi-Akhani. Ezona zifundo ndizithandayo ziziBalo.

Ekhaya ndihlala nomama, utata, umakhulu, utatomkhulu, oomalume bam ababini kunye nodade wethu olusana.



Igama lakhe nguBuang, uneenyanga ezilishumi ubudala. Ndiyathanda ukumteketisa ahleke kakhulu. Utatomkhulu nomakhulu badala kakhulu, abaseva kakuhle ngeendlebe. Umakhulu uthanda ukundibalisela amabali.



9781779890047_plt_lan_g01_rd_xho.indb 6 2025/09/28 14:07

Abahlobo bam bathathu, ngu-Anina, uSibabalwe no-Azola. U-Anina noSibabalwe ngamantombazana bona. U-Azola yena yinkwenkwe. Baneminyaka esixhenxe nabo sihlala kwisitalato esinye. Bayandithanda kakhulu abahlobo bam.

**Biza ezi zandi:**

a, b

**Biza eli gama:**

bathathu





9781779890047_plt_lan_g01_rd_xho.indb 7 2025/09/28 14:07

## Imibuzo emva kokufunda

1. Inokuba uziva njani kwesi situlo sakhe samavili u-Alakhe?
2. Uya njani ekhaya u-Alakhe xa kuphuma isikolo?
3. Ucinga ukuba bamncedisa njani u-Alakhe abahlobo bakhe?
4. Ngokoluvo lwakho ucinga ukuba kwakutheni ukuze uAlakhe abe nesitulo samavili?
5. Ingaba uyavelana kusini na noAlakhe? Xhasa impendulo yakho.

## Umsebenzi

1. Biza la magama.
   - **a.** babini
   - **b.** amahle
   - **c.** bam



9781779890047_plt_lan_g01_rd_xho.indd 8 2025/09/28 14:07

# Ekhayeni lam

| Isandi-c | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu | Isandi-e | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu |
|---|---|---|---|
| cela | ce-la | i-emele | i-e-me-le |
| ndicela | ndi-ce-la | Esihle | E-si-hle |
| acenge | a-ce-nge | ecela | e-ce-la |
| ecocekileyo | e-co-ce-ki-le-yo | ecenga | e-ce-nga |
| ucole | u-co-le | ephuma | e-phu-ma |
| icephe | i-ce-phe | ephethe | e-phu-ma |
| | | esitovini | e-si-to-vi-ni |

| Amagama abonwa rhoqo |
|---|
| Makhulu ndicela incwadi amaqanda inkukhu cela utata |

| Isigama | Intsingiselo |
|---|---|
| izithako | zizinto esithi sizisebenzise xa siphekayo okanye xa sibhakayo. |
| uncuthu mazangwa | kuxa ukutya kunencasa emnandi kakhulu. |

## Imibuzo ngaphambi kokufunda

1. Ucinga ukuba ngobani aba bakulo mfanekiso?
2. Bakweliphi igumbi xa ujongile? Utsho kuba kuba kutheni?



9781779890047_plt_lan_g01_rd_xho.indd 9 2025/09/28 14:07

“Tata, tata! Ndicela undifundise ukubhaka iibhisikithi,” kutsho u-Esihle ecenga. “Andikwazi ukubhaka iibhiskithi. Cela umakhulu wakho,” watsho utata ephethe i-emele enombona, ephuma eyokupha iinkukhu zakhe phandle.



“Makhulu ndicela undifundise ukubhaka iibhiskithi.” Watsho u-Esihle ecela umakhulu. “Ndiphe incwadi yokubhaka ukuze sifumane izithako,” watsho umakhulu ephakama.

## Izithako zokubhaka iibhiskithi

- 2 Iikomityi zomgubo wengqolowa (iflawa)
- 2 Amaqanda
- 125g yebhotolo
- 1 Ikomityi yeswekile ecolekileyo
- 125ml yevanila
- 1 Itisipuni yomgubo wokunyusa intlama (baking powder)
- 1 Icwecwe letshokolethi esicoliweyo
- 1 Itreyi yokufaka amaqebengwana



9781779890047_plt_lan_g01_rd_xho.indd 10 2025/09/28 14:07

## Indlela yokwenza intlama

1. Faka zonke izithako zakho esityeni, uzidibanise. Ulumkele amaqokobhe amaqanda angangeni kumxube wakho.
2. Wakudibana kakuhle umxube wakho, ucole itshokholethi, emva koko uyigalele kwintlama yakho.
3. Thatha icephe lokukha i-aysikhrimu uzokwazi ukubumba iibhiskithi uzifake etreyini yokubhaka phambi kokuba uzifake esitovini.
4. Faka imizuzu eli-15, ubushushu ububeke ku-180.
5. Emva koko, uyakuba neebhisikithi ezilafulafu nezimnandi ngeyona ndlela. Ungavimba ixhegwazana lisifa yindlala.

**Biza ezi zandi:** 

c, e

"Ndicela ucoce itafile Esihle sizokwazi ukutya iibhiskithi zakho," watsho umakhulu.

"Mmmhh, Makhulu zimnandi ziluncuthu mazangwa! Kucacile ukuba zibhakwe yincutshe," watsho encumile u-Esihle.

Utata wathatha ezine.

*Hawuu!! Hawuu!!*





9781779890047_plt_lan_g01_rd_xho.indb 11 2025/09/28 14:07

yakhonkotha inja ibawa. Ingaba ukhona umntu omaziyo oziphethe njengo Inathi? Kwahleka wonke umntu etafileni, utata wayipha ibhisikithi enye.

**Lungisa eli gama:**




uceco

## Imibuzo emva kokufunda

1. Dwelisa izithako ezifunekayo ukuze ubhake ibhiskithi.
2. Wathatha ibhiskithi ezingaphi utata?
3. Utata wapha inja ibhiskithi. Ucinga ukuba yayitya? Ewe Hayi? Xhasa impendulo yakho.
4. Kwakutheni ukuze bacinge ukubhaka ibhiskithi?
5. Ingaba kulula ukubhaka ibhiskithi?

## Umsebenzi

1. Biza ezi zandi.

   **a.** e-  **b.** c-

2. Fakela isandi c- emagameni.

   **a.** ____ela  **b.** _____ola

   **c.** i_____eba

# U-Inathi, intombazana eyahlukileyo

| Isandi-i | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu | Isandi-l | Ukuqhawula amalungu ngokwamalungu |
|---|---|---|---|
| Inathi | I-na-thi | lunqande | lu-nqa-nde |
| iliso | i-li-so | luzama | lu-za-ma |
| impahla | i-mpa-hla | lilungelo | li-lu-nge-lo |
| | | lixesha | li-xe-sha |

| Amagama abonwa rhoqo |
|---|
| kakhulu intombazana ukudlala impahla sonke kodwa singabantu sana |

| isigama | Intsingiselo yamagama |
|---|---|
| iliso | imehlo |
| ikhwelo | umlozi |

## Imibuzo ngaphambi kokufunda

1. Jonga umfanekiso. Xa ucinga, kutheni le ntombazana inxibe impahla zamakhwenkwe?
2. Wena wahluke njani kwabanye abantu?



9781779890047_plt_lan_g01_rd_xho.indd 13 2025/09/28 14:07



Lo ngu-Inathi, intombazana ehlala e-Impaki kufuphi neLinge. U-Inathi yintombazana ekhethekileyo nehlukileyo kakhulu kwamanye amantombazana. Isinxibo sakhe naso sikhethekile. Uthanda ukudlala ibhola ekhatywayo, ukwenza ikhwelo nokuqabela ibhayisekile.

“Inathi, khawuzame ukunxiba impahla zamantombazana,” watsho umama wakhe. “Ndinelungelo lokunxiba oko ndikufunayo,” uphendule watsho u-Inathi. “Unyanisile sana lwam. Lilungelo lakho ukunxiba into oyifunayo,” watsho umama. “Eli lixesha lokuba ndizamkele ngendlela endiyiyo,” watsho u-Inathi. “Mamela lo mbongo endiwubhalileyo mama, utshilo u-Inathi.

**Biza eli gama:**



lilungelo



9781779890047_plt_lan_g01_rd_xho.indd 14 2025/09/28 14:07



## Ndakhiwe ngokwahlukileyo

Ndakhiwe ngokwahlukileyo.
Lunqande ulwimi lwakho xa luzama ukundigxeka.
Linqande iliso lakho xa lizama ukundigweba.
Ukudalwa kwam nokwakho kungahluka.
Kodwa sonke singabantu, siyafana.

**Biza ezi zandi:**

i, l



9781779890047_plt_lan_g01_rd_xho.indb 15 2025/09/28 14:07

## Imibuzo emva kokufunda

1. Uhluke njani u-Inathi kwamanye amantombazana?
2. Ingaba abantwana banawo amalungelo? Xhasa impendulo yakho.
3. U-Inathi usifundisa ntoni?
4. Uthetha ukuthini xa esithi: Lunqande ulwimi lwakho?
5. Ukuba ubungu-Inathi ubuza kuzamkela?

## Umsebenzi

1. Biza ezi zandi.
   **a.** i-
   **b.** l-
2. Biyela isandi i- no l- emagameni.
   **a.** ilitye
   **b.** ilanga



9781779890047_plt_lan_g01_rd_xho.indb 16 2025/09/28 14:07